

UNIVERSITY OF FORT HARE

XHS 111F

IIMVIWO ZEZIDANGA

KWEYESILIMELA (JUNE) 2016

.....

IXESHA: Iyure enye enesiqingatha
ISIFUNDO: IsiXhosa
IPHEPHA-SIFUNDO: IsiXhosa Linguistics (Foundation)
AMANQAKU: 100

Eli phepha linamakhasi ama-3 xa edibene neli ligqumileyo

Abevi Basekhaya

**Gqir ZW SAUL
Nksz DJ GANTO**

IMIYALELO

Phendula imibuzo ibe mibini (2) kwicandelo ngalinye.

ICANDELO A: ULWIMI, IFONETIKI NEFONOLOJI

Umbuzo woku-1

- 1.1 Nika iilwimi zibe **ntlanu** ezifumaneka ngezantsi kwe-ikhweyitha, ezibizwa ngokuba ziilwimi zesiNtu. (10)
- 1.2 Nika amagama abe **mathathu** anika intsingiselo yawo ngokulinganisa isenzo eso, angalinganisi zandi. (6)
- 1.3 Yintoni le ngamanye amazwi ibizwa ngokuba **lucaciso**? (2)
- 1.4 Nika iindidi **ezintathu** zefonetiki. (3)
- 1.5 Yintoni ifonimi? (2)
- 1.6 Nika iimpawu zeprosodiki zibe **mbini**. (2)
- [25]

Umbuzo wesi-2

Chaza konke okwaziyo malunga neeyantlukwano phakathi kwefonoloji nefonetiki. [25]

Umbuzo wesi-3

- 3.1 Nika iimo zesangozwi zibe **ntlanu**. (10)
- 3.2 limekhanizim zomsingamoya **zine**. Zeziphi? (8)
- 3.3 Nika iziphumo zonkantaziso zibe **ntathu**. (6)
- 3.4 Isithuba esiphakathi kwemiphimbo kuthiwa yintoni? (1)
- [25]

ICANDELOB: IMOFOLoji

Umbuzo wesi-4

- 4.1 Bhala izenzi zibe **ntathu** eziqala ngesikhamiso. (6)
- 4.2 Nika amahlelo ezi zibizo zilandelayo:
- (i) imilambo
 - (ii) ubuntu
 - (iii) izinto (3)

ICANDELO A: ULWIMI, IFONETIKI NEFONOLOJI

Umbuzo woku-1

1.1 NguNoam Chomsky

(2)

1.2 IsiNguni

IsiSuthu

IsiSwahili

IsiHerero-Ovambo

Ezithethwa eKhongo

IsiSudane

IsiLawu nesiThwa

(6)

1.3 NguBleek

(2)

1.4 Lufundo-nzulu ngolwimi

(2)

1.5 Dyumpu, bhaxa, bham, krum, grum, ingxangxasi

(4)

1.6 Lufundo ngezandi zentetho.

(2)

1.7 Eyophimiselo- yona imalunga nokusetyenziswa kwamalungu omzimba ekuthiwa ngamalungu omzimba okuthetha anjengolwimi, imilebe, njl-njl.

(2)

Eyi-akhustiki- ekukutyhuluba kwezandi emoyeni zisuka emlonyeni wesithethi ziyokutsho ezindlebeni zomphulaphuli.

(2)

Eyovakalo-ndlebeni- engokutolikeka kwezandi ze zivakale endlebeni.

(2)

1.8 Zintathu

(1)

[25]

Umbuzo wesi-2

2.1 Itshati yezikhamiso

(5)

2.2 Ezemilebe

Ezomlebe-mazinyo

Ezongqameko

Ezomphambili-nkalakahla